# Uviwo lwezimvo

## ngomThetho oYilwayo wesiHlomelo somThetho wamaTyala weSizwe

IKomiti yemiCimbi yezoQoqosho kwiNdlu yoWisomthetho yePhondo leMpuma-Koloni iya kusingatha uviwo lwezimvo zabemi bePhondo ngomThetho oYilwayo wesiHlomelo somThetho wamaTyala kwiPhondo ngokubanzi. UmThetho oYilwayo usisiphakamiso esathathwa yiKomiti yezoRhwebo noShishino yePalamente isithi kufuneka isungule umthetho omisela umlinganiselo wokuthathwa kwamatyala ingakumbi ngabantu abangathathi ntweni. Lo mThetho uYilwayo ubizwa ngokuba "ngumThetho oYilwayo woNgenelelo kumaTyala" njengoko eyona njongo yawo ephambili ikukuncedisa nokuthintela ukuthathwa kwamatyala angaphezu komlinganiselo ngabasebenzi nokuqinisekisa ngendawo enikisa ngetyala efikelelekayo, engatshintshiyo, enoxanduva nefannelekileyo.

Uphando oluthe lwenziwa lubonisa ukukhula kokubolekisa ngemali okungakhuselekanga nokungekho mthethweni okwenzeka ikakhulu kubasebenzi bemizimveliso, abasemigodini, abasezifama nakubasebenzi abancedisa emakhaya abaye babe sesichengeni sokuzikrwitsha ngamatyala. Seso sizathu esabangela ukuba iKomiti ibone kufanelekile ukuba kubekho ungenelelo lomthetho ukukhusela olu didi lwabantu kookrebe.

Uphando lukwabonise ukuba iimeko ezikhokelela ekubolekweni kwemali ngabasebenzi ziquka ukuphelelwa ngumsebenzi, ukunyuka kwamaxabiso ezinto, ukusweleka kwabantu ekuthenjelwe kubo kumakhaya abo kwiingozi zeeteksi, zeebhasi nezinye iingozi. Lo mThetho uYilwayo uhlomela umThetho wamaTyala weSizwe, 2005 njengoko uhlonyelwe ngumThetho we-19 kowama-2014 kwaye wongeza iinkcazelo zamagama ezintsha eziya kucacisa okuqulethwe ngulo mThetho uYilwayo.

Ezinye izihlomelo ziquka iGatya lesi-2 elihlomela icandelo lesi-3 lomThetho elicacisa ungenelelo kumatyala njengesinye sezixhobo sokukhulisa nokuzisa intlalontle kwezoqoqosho kubemi boMzantsi-Afrika. Injongo kukubonelela ngentuthuzelo yamatyala ekhawulezileyo kubantu abangabandakanyekiyo kwiinkqubo zokubhanga nakwezolawulo lwamatyala. Kwakhona iGatya lesi-7 lihlomela icandelo lama-70 lomThetho elifuna ukuba iziko lamatyala liyamnkele inkcazelo ephathelele kwizicelo zongenelelo ezisuka kwi*National Credit Regulator* ngaphandle kwentlawulo. Injongo yoku kukuba i*National Credit Regulator* kufuneka iqinisekise ukuba abasebenzi abanakho ukuhlawula emva kokuhlengahlengiswa kweemfanelo zabo, kufanele abe nakho ukwenza njalo.

**Abahlali bayamenywa ukuba bazimase iindibano zoviwo lwezimvo eziya kubanjwa kwezi ndawo zilandelayo:-**

| Isithili | USihlalo | Idolophu | Umhla | Ixesha | Indawo |
|---|---|---|---|---|---|
| | | **Ukufika eMatatiele** | Mvulo, 4 Feb 2019 | | |
| **Alfred Nzo naseOR Tambo** | **Igqiza loku-1**<br>**Hon. Duba** | Matatiele | Lwesibini, 5 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Town Hall |
| | | KwaBhaca | Lwesithathu, 6 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Town Hall |
| | | Lusikisiki | Lwesine, 7 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Health Resource Center |
| | | Mthatha | Lwesihlanu, 8 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Town Hall |
| | | | | | |
| | | **Ukufika eAlivane** | Mvulo, 4 Feb 2019 | | |
| **Joe Gqabi naseChris Hani** | **Igqiza lesi-2**<br>**Hon. Lwana** | Sterkspruit | Lwesibini, 5 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Ibhunga Hall |
| | | Alivane | Lwesithathu, 6 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Greenslade Hall |
| | | Cofimvaba | Lwesine, 7 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Town Hall |
| | | Komani | Lwesihlanu, 8 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Indoor Sports Center |
| | | | | | |
| | | **Ukufika eMthatha** | Mvulo, 4 Feb 2019 | | |
| **Amathole naseBuffalo City Metropolitan** | **Igqiza lesi-3**<br>**Hon. Fihlani** | Gcuwa | Lwesibini, 5 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Msobomvu Community Hall |
| | | Dike | Lwesithathu, 6 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Town Hall |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| | | Monti | Lwesine, 7 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Gompo Hall |
| | | Mdantsane | Lwesihlanu, 8 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Indoor Sports Center |
| | | | | | |
| | | **Ukufika eBhayi** | Mvulo, 4 Feb 2019 | | |
| **Sarah Baartman & Nelson Mandela Bay** | **Igqiza lesi-2**<br><br>**Hon. Lwana** | Jeffrey's Bay | Lwesibini, 5 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Newton Hall |
| | | Cawa | Lwesithathu, 6 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Jawuka Hall |
| | | Tinarha | Lwesine, 7 Feb 2019 | 10h00 – 13h00 | Babs Madlakane |
| | | Bhayi | Lwesihlanu, 8 Feb 2019 | 11h00 – 14h00 | Daku Hall |